Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2021

**AMANQAKU: 40**

**IXESHA: Iiyure 1½**

**Olu viwo lunamaphepha ali-8.**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo line:

   CANDELO A: Uncwadi (40 amanqaku)

2. Phendula imibuzo kwincwadi ENYE oyifundisiweyo (40 amanqaku).

3. Qala UMBUZO ngamnye kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kombuzo ngamnye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   Yimibuzo emibini enamanqaku angama-20: Imizuzu engama-45 umbuzo ngamnye.

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**QAPHELA:**

Phendula imibuzo esekwe kwiDrama/kwiNoveli oyifundisiweyo kuphela.
Kwincwadi oyifundisiweyo phendula yoMIBINI imibuzo esekwe kuyo.

**IDRAMA: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – I Tau**

**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| MATESH: | Hamba uyokugungxula loo nto phaya ethoyilethi. |
| MATE: | Elam lithi mbuyisele uNzima umsesane wakhe awazi ukuba waphelela phi na. Umntu akalaxazwa kakubi ebomini, ngeny' imini angakuhlangula. |
| NOMHI: | Tyhini uMate unecebo. *(Abambe afunde kwakhona.)* *Mhimhi sithandwa sam sobomi, uza kufika uDisemba lufike nosuku lokutshata kwethu, nantoni na oyenzayo ungandilibali, mna kunye nezifungo zethu, de sohlulwe ziindudumo.* |
| THEMBI: | Akasazikhohlisi omnye umntwana, yintoni ngaye? |
| NOMHI: | *Let me terminate at the terminus because termination was terminated by the terminators.* |
| MATE: | Hayi akaphucuki lo nziphonde wakho. Babethetha ngale ndlela ngexesha likaNgcayechibi. |
| NOMHI: | *(Abe afunde.) Oza kuba ngumyeni wakho. Nzima Boet Zet Dladla.* |
| MATE: | He Bethuni! Akasasizeleki omnye umntwana. Ubonanje ushiywe lixesha. |

1.1.1 Yintoni le uMatesh athi mayigungxulwe ethoyilethi? (1)

1.1.2 Kutheni uNzima kufuneka ebuyiselwe umsesane wakhe ngokukaMate? (1)

1.1.3 YINYANI/BUBUXOKI? UMatesh waphumelela ukudibanisa uNomhi noDuke? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.4 Kuthetha ukuthini ukuthi 'Akasazikhohlisi' ngokwakwesi sicatshulwa. (2)

1.1.5 Yintoni ebonisa ukuba uThembi ungumhlobo kaNomhi kule drama? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.6 Isixelela ntoni ngesimo sikaMate intetho ethi 'umntu akalaxazwa'. Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo ngolu hlobo:

(a) Isimo (1)

(b) Isizathu (2)

1.1.7 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

UNzima wayebhalelwe ileta emchazela ngomtshato ngu ...

A Vido.
B Duke
C Nomhi.
D Masukude. (1)

1.1.8 Xela isizathu sokuba uVido asoloko emnceda uNzima. (2)

1.1.9 Tshatisa inkcazelo ekuKHOLAM B ehambelana nendawo ekuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (a) = (iv)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Elunxwemeni lomlambo | (i) Yindawo ekwafunyanwa kuyo isazisi sikaNzima. |
| (b) KwaNobuhle eTinarha | (ii) Yindawo uNzima noNomhi abenza kuyo isibhambathiso. |
| (c) ELovedale Training College | (iii) Likhaya likaNzima. |
| (d) KwaGood Year | (iv) Sisikolo aqeqeshelwe kuso ubutitshala uNomhi. |
| | (v) Ngumzimveliso asebenza kuwo uNzima. |

(4 x 1) (4)

1.1.10 Ngqina ukuba ikhaya likaNomhi alifani nelikaNzima malunga nokuxabisa imfundo. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| MATESH: | Mus'ukungxama ngomsindo mfo kabawo. Umsindo liyilo mfo kabawo, kangangokuba ungakugibisela ngaphaya kwezitshixo ukuba akuwaqapheli amanyathelo akho. *(Rhuthu iphepha-ndaba emnika.)* Funda apha kulo mhlathi uze undixelele ukuba ubona ntoni na. |
| DUKE: | Ndikhathazeke gqitha Matesh. |
| MATESH: | Ithetha ukuthini loo nto? |
| DUKE: | Ithetha ukuba andinaxesha lakufunda zintsomi. |
| THEMBI: | Khawude umfundele Matesh, mhlawumbi uza kuphulaphula kakuhle. |
| MATESH: | Ufunyaniswe enetyala lokuqhekeza nobusela yinkundla yemantyi uNzima Dladla. Kucaca ukuba abaqhekezi abo benze obuncinane ubudenge bokushiya umkhondo. Isazisi sikaNzima Dladla sifunyenwe apho ngaphakathi. Loo nto ke ikhokelele ekuthini uNzima lowo avalelwe waza wathiwa nka ngeminyaka emithathu yonke eseluvalelweni. |

1.2.1 Yintoni le imenza umsindo uDuke? (1)

1.2.2 Xela amatyala amaBINI abekwa wona uNzima ngokwakwisicatshulwa. (2)

1.2.3 Nika isizathu sokuba uDuke athethe la mazwi alandelayo:

'... andinaxesha lakufunda zintsomi.' (2)

1.2.4 Kutheni kusithiwa uNzima wenze ubudenge bokushiya umkhondo? (2)

1.2.5 Yintoni ebangela ukuba uNomhi avume ukutshata noDuke? (2)

1.2.6 Ingaba uSongezile wayemzonda uNzima ngokumenza abanjelwe into angayaziyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.7 Xela isizathu sokuba uNzima athabathe isigqibo sokulanda uNomhi kwaDuke? (2)

1.2.8 Yeyiphi imiyalelo emiBINI eyanikwa uNomhi nguDuke ngexesha lengxabano yabo? (2)

1.2.9 Nika ngeengongoma eziNTATHU ubungqina obanikwa nguSongezile enkundleni yamatyala. (3)

1.2.10 Ngqina ngolwazi lwencwadi ukuba kulungile ukuxolela umntu okwenze into ebuhlungu? (2)

**[40]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**INOVELI: *NANDIWEZA* – M Nzo**

**UMBUZO 2**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Ungathini ukungena ngolu hlobo apha? Uyaqonda ukuba kusemapoliseni apha?' Iitshilo elinye ipolisa.
'Hayi!' Watsho ekhefuzela uLuwanika.
'Hayi ntoni?' Laphindisa ipolisa.
'Uxolo mhlekazi, uxo … uxo … lo nkosi yam, ndileqwa ngamadoda amabini,' Watsho uLuwanika.

'Aphi loo madoda?' Labuza ipolisa. Baphume bobabini bekhangela loo madoda kwaye kungekho nesithunzi.

'Uyaqonda ukuba singakubamba ngokuza kuchitha ixesha lethu ngento engekhoyo? Aphi la madoda uthetha ngawo?'
Litsho ipolisa kwanga lingaphos' int' eliyiphetheyo. Ungxengxeze kangangoko anakho uLuwanika phofu ecacisa ukuba oko akuthethileyo kuyinyani. Emva koko uhambe ethe wokoxo umzimba ukuya ehotele kuba yayikufuphi.
Ungene kwi-ofisi kaBiggs kucacile ukuba udle ingcolo. Ufike wee wolokohlo ukuziphosa kwisofa eyayilapho.
'Kutheni ndoda? Seliphelile ixesha lakho lokuphumla? Ubuyel' enkomeni?'

2.1.1 Ngubani lo uxoxisa uLuwanika ngokungena engxamile kwisikhululo samapolisa kwesi sicatshulwa? (1)

2.1.2 Yintoni eyenza ukuba uLuwanika angene esikhululweni samapolisa ekhefuzela? (1)

2.1.3 YINYANI/BUBUXOKI? ULuwanika akazange aphume yedwa ukuya kujonga amadoda ayemleqa. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.4 Kuthetha ukuthini ukuthi 'ekhefuzela' ngokwakwesi sicatshulwa? (2)

2.1.5 Yintoni ebonisa ukuba uLuwanika uxatyisiwe nguBiggs? (2)

2.1.6 Isixelela ntoni ngesimo sikaLuwanika intetho ethi, 'Uxolo mhlekazi, uxo … uxo … lo nkosi yam'. Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isimo (1)

(b) Isizathu (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.7 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Umyalelo wokukhangela uLuwanika wawuvela ...

A kuKhanyizire.
B kuSibusiso.
C kuMwera.
D kuNyikita. (1)

2.1.8 Xela isizathu sokuba uNyikita ancede uMwera ekuleqeni uLuwanika. (2)

2.1.9 Tshatisa inkcazelo ekuKHOLAM B ehambelana nendawo ekuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (a) = (iv)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) eCapital Hotele | (i) Yindawo awabalekela kuyo uLuwanika. |
| (b) eMbera | (ii) Yindawo asebenza kuyo uLuwanika. |
| (c) KwaLever Brothers | (iii) Likhaya likaMwera. |
| (d) eMlazi | (iv) Yindawo awayesisa kuyo iinkomo azibileyo uNyikita. |
| | (v) Yindawo asebenza kuyo uKhanyizire. |

(4 x 1) (4)

2.1.10 Ngqina ukuba ikhaya likaLuwanika alifani nelikaMwera malunga nenkolo. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Uthini? Uthini? Yeka, kwanele. Uthetha ukuba nguLuwanika lo wenza le nto? Ndifung' uma! Uza kundibona apho ndibhinqela khona. Yini le! Nithi eli khatha-khatha lizicingela ukuba liyintoni? Landiphazamisa kwintombi endandiyifuna, ndada ndayincama. Liphindile lenza nzima umzala kanti ngoku lidlise udade lize limshiye esifa. Kwanele. Kwanele. Uyandiva? Ndithi kwanele.'
'Zininzi, nkosi yam, izinto zalo mfana. Siva ukuba nguye obe iinkomo zikaNyikita wazithengisa eBlantayi. Ndithi ishumi lonke leenkomo. Kungoku nje, sisemkhondweni wakhe. Sikhe seva ukuba uza kuba sekhefini kule veki izayo. Loo nto iya kusinika ithuba lokuba sibone esinokukwenza ngaye.'
'Nijonge ukwenza ntoni nina?' Ubuzile uMwera.

'Sijonge ukumbiza ngecebo, simse kwindawo efihlakeleyo ukuze abafana bakhe bamfike kanobom.' Liphendule latsho iphakathi.

2.2.1 Yintoni le kuthiwa uyenzile uLuwanika ngokomgca wokuqala kwisicatshulwa? (1)

2.2.2 Xela ezinye izinto zibeMBINI azenze kuMwera uLuwanika ngokwakwisicatshulwa. (2)

2.2.3 Nika isizathu sokuba uMwera athethe la mazwi alandelayo:

'Kwanele. Kwanele. Uyandiva? Ndithi kwanele.' (2)

2.2.4 Kuthetha ukuthini ukuthi, 'sisemkhondweni wakhe' ngokwesicatshulwa? (2)

2.2.5 Yintoni ebangela uNyikita avume ukuleqa uLuwanika? (2)

2.2.6 Ingaba uNyikitha wayemzonda uLuwanika ngokuhamba emkhangela efuna abulawe yinkosi? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.7 Xela isizathu sokuba uKasayi noSakayire balwe. (2)

2.2.8 Xela isizathu sokuba uKhanyizire amncede uLuwanika ngokumsindisa kuNyikitha eDurban. (2)

2.2.9 Nika ngeengongoma eziNTATHU ubungqina bokuba uBiggs ebemkhathalele uLuwanika. (3)

2.2.10 Ngqina ngokolwazi lwencwadi ukuba kulungile ukuxolela umntu okwenze into ebuhlungu? (2)
**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UNCWADI**

**IMIGAQO YOKUMAKISHA**

1. Ukuba ukunombola iimpendulo akuhambelani nombuzo, makisha ngokukhokelwa yimemo.

2. Ukuba isiphene sopelo sichaphazela intsingiselo yempendulo efunekayo, oko kuthatyathelwa amanqaku. Ukuba intsingiselo ayichaphazeleki, oko kumakishe njengokuchanekileyo.

3. Ukuba umviwa uphose ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa eyalelwe ukuba makacaphule, **musa ukumohlwaya.**

4. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina ngento/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ekumele ziqwalaselwe.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: IDRAMA

### UMBUZO 1: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

1.1 1.1.1 Ngumsesane.√ (1)

1.1.2 Kungokuba kufuneka awazi ukuba uphelele phi na.√ (1)

1.1.3 YINYANI kuba waphela uNomhi ethandana noDuke√√/etshata noDuke.√√ (2)

1.1.4 Kuthetha ukuba uzithembisa ngento engekhoyo.√√ (2)

1.1.5 Kuba nguye ebeququzelela umtshato kaNomhi noDuke.√√ (2)

1.1.6 (a) Ungumntu onovelwano√/ onenkathalo ngomnye umntu.√
(b) Kungokuba akayithandi into yokuba kude kuthiwe mawugungxulwe ethoyilethi umsesane kaNzima.√√ (3)

1.1.7 C√/nguNomhi.√/C/nguNomhi.√ (1)

1.1.8 Kungokuba ungumhlobo wakhe omkhulu.√√ (2)

1.1.9 (a) (ii) √/Yindawo uNzima noNomhi abenza kuyo isibhambathiso.√
(b) (iii) √/Likhaya likaNzima.√
(c) (v) √/Sisikolo aqeqeshelwe kuso ubutitshala uNomhi.√
(d) (i) √/Yindawo ekwafunyanwa kuyo isazisi sikaNzima.√ (4)

1.1.10 Kunjalo kuba ikhaya likaNomhi limse ekholejini limkhuthaza ukuba afunde abheke phambili kanti elikaNzima libona imfuyo ibalulekile iyiyona nto linokuchitha imali kuyo hayi kwimfundo yakhe.√ (2)

**KUNYE**

1.2 1.2.1 Kukuba uNomhi engasamkeli isicelo sakhe sokuthandana naye.√ (1)

1.2.2 Lelokuqhekeza√ nelobusela.√ (2)

1.2.3 Sesokuba engade avunywe kanti ebeqhele ukuvunywa zisuka ngamantombi awafunayo ekholejini.√√ (2)

1.2.4 Kungokuba kucingwa ukuba nguye oshiye ipasi lakhe kwindawo ekuqhekezwe kuyo.√√ (2)

1.2.5 Ngenxa yoxinzelelo lukaMate omoyikisa ngokumgxotha√√/ Wayebona ukuba uDuke unemali abe uNzima wakhe amthandayo ehleli ejele.√√ (2)

1.2.6 Wayengamzondi√ kuba waya kuxela emapoliseni ukuba nguye oqhekezileyo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2.7 Kukuba wayenze isibhambathiso sokuba bayakwahlulwa ziindudumo noNomhi√√/ kukuba ucetyiswe nguVido ukuba makayomlanda xa esamthanda engakwazi ukumncama.√√ (2)

1.2.8 Yeyokuba makavuke ekuseni enze impungo√/makatshayele amabala.√/ makavuse uChithibhunga amhlambe amphe nokutya√/ makanzele uDuke isidlo sakusasa√/uNomhi makangambuzi nto uDuke.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.9 Nguye owachola isazisi sikaNzima.√
Akusichola wasifaka epokothweni.√
Nguye owaya kuqhekeza eGood Year wasishiya khona isazisi sikaNzima.√ (3)

1.2.10 Kulungile kuba uNzima ukwazile ukumxolela uNomhi nangona ebemvise intliziyo ebuhlungu ngokutshata noDuke wophula isimbambathiso, watsho wabuyela kuye.√√ (2)

**AMANQAKU ELI CANDELO [40]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO D: INOVELI

## UMBUZO 2: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.1 | 2.1.1 | Lipolisa.√ | (1) |
| | 2.1.2 | Kukuleqwa ngamadoda amabini angawaziyo.√ | (1) |
| | 2.1.3 | YINYANI kuba waphuma nepolisa ukuya kukhangela amadoda amleqayo.√√ | (2) |
| | 2.1.4 | Kuthetha ukuphefumlela phezulu ngamandla.√√ | (2) |
| | 2.1.5 | Kuba kwingxaki zonke adibana nazo uLawunika uBiggs uyamnceda.√√ | (2) |
| | 2.1.6 | (a) Unembeko.√<br>(b) Kukuzithoba epoliseni ngendlela angene ngayo kwisikhululo samapolisa.√√ | (3) |
| | 2.1.7 | C√/C.kuMwera√/kuMwera.√ | (1) |
| | 2.1.8 | Kukuba ebemfuna ngesityholo sokuba ube iinkomo zakhe.√√ | (2) |
| | 2.1.9 | (a) (ii) √/Yindawo asebenza kuyo uLuwanika. √<br>(b) (iii) √/Likhaya likaMwera.√<br>(c) (v) √/Yindawo asebenza kuyo uKhanyizire.√<br>(d) (i) √/Yindawo awabalekela kuyo uLuwanika.√ | (4) |
| | 2.1.10 | Kunjalo kuba ikhaya likaLawunika likholelwa kwinkolo yobuKrestu kanti elikaMwera likholelwa emagqirheni.√√ | (2) |
| 2.2 | 2.2.1 | Udlise inkosazana√/udlise udadeboMwera.√ | (1) |
| | 2.2.2 | Waphazamisa uMwera kwintombi owayeyifuna√/wenza nzima umzala kaMwera wamshiya√/wadlisa udade wenkosi uMwera.√<br><br>(Nasiphi isibini kwezi) | (2) |
| | 2.2.3 | Kukuba udikiwe zizenzo zikaLuwanika√√. | (2) |
| | 2.2.4 | Siyamkhangela√√/Siyamfuna.√√ | (2) |
| | 2.2.5 | Kungokuba wayecinga ukuba nguye obe iinkomo zakhe.√√ | (2) |
| | 2.2.6 | Wayemzonda√ kuba ecinga ukuba iinkomo zakhe zabiwa nguLuwanika√/wamshiyisela kwintombi owayethandana nayo wade wayidlisa√/uNyikita unomona ngenkqubela kaLuwanika. √<br><br>(Nayiphi impendulo kwezi.) | (2) |

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.7 Babesilwela isahlulo senkunzi yenkomo kwiinkomo abazibileyo.√ √ (2)

2.2.8 Kungokuba naye wayemfuna ngelithi umbele iinkomo zakhe.√√ (2)

2.2.9 Umbalekise kumadoda angaziwayo ebemleqa.√
Wamfunela umsebenzi eDurban.√
Wamgcinela iinkomo.√ (3)

2.2.10 Kulungile kuba uLuwanika ukwazile ukubaxolela ooNyikitha nangona bemvise intliziyo ebuhlungu ngokumleqela into engekhange ayenze, babuya bangabahlobo abasebenza kunye.√√ (2)

**AMANQAKU ELI CANDELO: 40**
**AMANQAKU ELI PHEPHA EWONKE: 40**